**Yancothulwa ingqambu**

A thesis submitted in partial fulfilment of the requirements for the degree of

Master of Arts in Creative Writing

of

Rhodes University

by

**Nomnikelo Komanisi MACW Thesis**

November 2017

I have written a collection of isiXhosa poems for my thesis. I was influenced by the conditions in life women often find themselves, as well as the cultural stereotypes that perpetuate these conditions. Writers who have had an impact on my writing are W. B. Rubusana, S. E. K. Mqhayi and J. J. R. Jolobe because of their language, rhythm and the richness of their writing more generally. It is as if they are voices of a past generation who reach out on us, today. More recent American poets such as Amiri Baraka, on the other hand, have shown me how poems can meet you, can come as bullets that pierce your heart, soul and brain. Combining these old and new poetic styles, I intend for my poems to be of value and benefit to women who seek mental, spiritual and physical healing.

## ISIQULATHO

### EZOTHANDO

Mama wam

Soka lam

Ubuhlanti bakuthi

Isidlwengu seyam intliziyo

Mthunzi wam

Ezakuthi

Iimbasa zam

Ntso yamathile

Lingazongoma akunani

Engapheliyo iyahlola

Intyatyambo

Ingelosi yezulu

Isipho sothando

### EZONXUNGUPHALO

Ubukrakra bentliziyo

Ubuze bam

Elenyama

Ndiyiyo imbokodo

Akusenani

Iingqondo zobugqwangu

Izolo bubumnyama, namhla lukhanyo

Ukufa

Leleth' ithemba

Intsengw' ibheka

### EZENTLALO

Isango likama alimxinwa

Intswela-bulungisa

**MAMA WAM**

Ndakucinga ngawe kuphel’ umong’ entsubeni,
eth’ amandla kukubulaleka kwakho,
aw’ amadolo yakubhalw’ intlungu emehlweni akho,
ziphokoke iinyembezi wakuthi tha umzila othubeleze kuwo,
uf’ owam umzimba ndakujonga ngemva.

Ewe bendiyinci kodw’ ingqondo yon’ ibimi,
ndibukeka njengemfama emehlweni akho
ububugquma ubuhlungu bentliziyo yakho,
bekungandisithele ukukruneka komphefumlo wakho,
futhi kundikhanyela ukuvuza kobofu kwisilonda sentliziyo yakho.

Abasebuhlanti bebebon’ ixhoba kuwe,
Bazale zizithembiso ezikujude ungaboni,
Wawa enqweleni kub’ usapho lubukhedama,
Batyala, batyala, batyala bemka nezwe,
Wasal’ ufumbathile ume wedw’ emnqamlezweni.

Nox’ ungenantshebe bekungekho kulambatha,
nox’ uninzi belukusingela phantsi
ububafumbatha kwakuphel’ ithemba kubo,
ubumfimfithekisa sekungekho namathe emlonyeni,
owakh’ umnqweno kukuzis’ ukukhanya kwelanga,
futhi ubusima nabo sekuzel’ umzondo endleleni.

Akho amaxa kuse sintunyekiwe isibane,
kuba wena lakuthi ndithenge bezibuya iinkxwaleko,
kwakuhlwa ubudliwa ngumvandedwa,
kuse sebubengezela obo buso,
ngokunga uthi akunani.

Ayindisithel’ eyakh’ imisebenzi isabonakala,
nokubhinqela phezulu kwakho kuyinzuzo kum,
andisoli kodwa andilibali,
ezakh’ iimfundiso andizityesheli,

ubulaleke wabulaleka wade waya kusithela,

hlal’ usaz’ iinkumbulo zakho zisathe tha.

**SOKA LAM**

Ntab' ezikude ngamasithela
Ndithwale qegu lam undiwez' imilambo
Ndibeleke ndintinge ndime phezu kwentaba
Ndibone oko kulangazelelwa ngumphefumlo wam
Ndibone okubungezelelwa yintliziyo yam.
Tweza amaphiko akho ndibhabhe
Ndiwe phesheya komlambo
Undiweze kuloo mafu
Acwenge amehlo akwalama okusithwe ngamawa
Ze ndibone umarharha wentliziyo yam.

Dudula duladula konakele
Ndisondeze kumosuli weenyembezi zam
Kade zigalelekil' iindidi ndiyinkwamba
Ijijek' intamo ndibuye nemband' esikhova
Mandingalind' ukuza kukaNxele
Ndiyeza gqamgqam lam ndonakele.

Abomvu amehlo kukujong' enkalweni
Kungasabonakali nempunde
Ingucwaka nesingqala sodwa esivakalayo
Uncumo luyabengezela ziqengqeleka zinjalo esidleleni
Mphefumlo wam uyakulangazelela.
Andisayi kulahla mbeleko ngakufelwa

Ndakulibamba lingatshoni sakuhlangana
Wena ungumthunzi wam zakufika iinkqwithela
Ungamanzi ndakunxanwa, akutsha amadama
Usisonka sokondla umphefumlo wakuxakaniseka umoya wam
Zakugaleleka izantyalantyala zemvula uliliwa lam
Ndakufika kwezo ngalo zakho zundange
Ze sindize kunye siye enyangeni.

**UBUHLANTI BAKUTHI**

Zinxonxo zinzulu okomlambo iGqili
Fonxoza zitshone zwabha ezo zinxonxo
Sidudla sakwam nditsho ndibambelele
Wena usadula ufumane yonk’ injezu.

Utsho ngemilebe evuzayo inge ndingasondela
Ethambe nditsho ndingcangazele bobo buntofontofo
Mazi yakuthi madoda ideri ikho
Kungahlutha uMzantsi kweso sifuba simabelebele.

Uthi wakudimfiza loo mlenze kunge yindlovu
Usadule zitshiwuze ezo lokhwe
Gqam gqam ubuhlanti bakuthi madoda
Ndakunibetha makwedini hambelani kude
Ziinkomo zakuthi ezo nijongeni?

Wal’ ukubhentsa likhubalo lakuthi elo
Kulima mna ndodwa kuba ndalihlawulela
Ulumkele ukuba lukhuko lwabahambi
Kuba ndakuyibon’ ifolo bakuhlakula
Ungandihlazi koobawo bakuyibon’ engeyoyab’ imbewu.

NguBhejula Madoda kwisende likaNdungwane
UQhwesha uNdarhala nguDiya ngenene
Yena wathi obendoda ziinkomo zodwa
Ndizibhek’ amacala ndincume olukaBlankethi
Yena wokwamkel’ umvuz’ eQonce
Mazakuthi kwedini buncum’ obakuthi
Bulindele ukutyekeza akukhuhlana amawele
Yiyekeni eyakuthi imazi nezinxonxo zayo.

**ISIDLWENGU SEYAM INTLIZIYO**

Sandikrwaqula ngamehlo anoncumo
Sandibuka ngamehlo anothando
Amehlo anolangazelelo
Amehlo akhazimlayo
Ndakuv’ ukundibungezelela
Okwadlwengul’ eyam intliziyo
Ndalubon’ uthando
Olwarhiphul’ umxhelo wam
Kub’ inkangeleko ibhaliwe
emnxebeni weyam intliziyo.

Wachul’ ukunyathela ndathabatheka
Landyondyoz’ elo lizwi adyevezel’ amadolo
Wandithi krwaqu ndawalahl’ awam amehlo
Ndizam’ ukugquma okubhalwe kuwo
Wancum’ urheme kanti kad’ ewile
Wath’ akukhamisa yanga ndingamval’ umlomo
Wadlala ngamazwi ezibika ndangcangcazela
Wandityibela ndaziva ndiyinkosazana
Wawakheth’ amazw’ urheme
ndaphelelwa ngamandla.

Wayolul’ eyakh’ ingalo ndaya ndonke
Wandibek’ esifubeni zazehlel’ iinyembezi
Ndakuv’ ukubetha kwentliziyo
Ndazibona ndikwelemimoya
Ndayibon’ iYoredane yimincili
Indiginya ngokuqhwanyaza kweso
Ndandithabathekile kuba yena wandiphandla
Wawuxhiwula owam umoya
Watyhutyh’ umzimba wonke.

Uyidlwengule ngenene eyam intliziyo
Uyidlwengule yasala inesinzulu isilonda
Sona singasayi kuphola bubuhlungu

Kuba wena utyhutyhe konke

Wawugubungel' umzimba wam

Uyityhutyhe yonk' imithambo yam

Sidlwengundini! Wadlwengula nemizwa yam.

**MTHUNZI WAM**

Inga ndinganamathela kuloo mehlo
Ndibone ubuhle bawo
Obuqob' awam amadolo
Inge ngamaza olwandle.

Ndinga ndingabona olo ncumo
Luqwenga imizwa yam
Avuz' amathe olangazelelo
Ndinge ndingandiza
Ndintingele emafini.

Ndilangazelela eso sifuba
Sindigange ngobushushu
Sisusa zonke ezam iintsizi
Aphele onk' awam amaxhala.

Ezo ngalo zentuthuzelo
Zindinik' ithemba
Lokuba nawe kuphel' ukoyika
Zindinqakule ndingabi nakuwa.

Uvuyo nolonwabo lwam
Luzinze kweso sakhiwo sakho
Ndibubon' ubuhle bendalo
Bokuphuma kobo buthokothoko bobumnyama.

Uwonk' owam umzimba
Unga ungazibona uze
Ubila kolo lophu
Lutsh' ingqond' ixinane
Udude kwanozwane.

Amaxhalang' angxangile
Selecinga ndimfamekile
Efun' ukungena entsimini

Enukiselwa lelo vumba
Lentyatyambo emabala.

Inga ndingavuma ndidumisa
Ndintyiloze okweentaka zezulu
Inga yimini yovuko
Kuvuthelwa lawo maxilongo
Oloyiso nothando.

**EZAKUTHI**

Yintsikizi ongafung' ugqibe lilahle
Umdak' omnyama onesivotho
Umkhith' omtsalane kugilan' abafana
Namaxhegw' embala atsh' akhumbul' ezamandulo
Anga angajij' amaxesha kwedini
Kub' anomunyu yile njezu

Naso esi siva sithi ndijonge
Isivotho esithi kwakuvela olo ncumo
Ngokunga zange kube kho zinkathazo.
Uncumo olubiza nogqitha ngendlela,
Lufun' ubani abuk' indalo

Khanijonge loo mlomo unga ungaphuzwa
Bukani loo milebe inga ithanjiswe i-oli
Nants' ibomvu krwe okunga ngoonopatazana.
Luthi lwakubhedululwa olo lwimi unge ungasondela
Luthi lwakudibanisa amathe nemilebe kunge kungachwechwa.
Yhini madoda ukuphoswa bobunjalo ubuhle bendalo!

Amehlo akhazimla ngokunga yingelosi
Agqama ufunisele ukuba abika ni na
Athi akuqhwanyaza unqwale ungevanga nto
Ozela ngokunga afun' ukulala
Ozela zingcangazele iibhulukhwe
Hayini madoda obunjalo ubuhle bendalo!

Izidlele ziyitumato enga ingagqabhuka
Zidlele ezo zinemusi ebukekayo
Nants' iphants' uphanyaza amehlo
Kazi bendiya kuba yini akuphanyaka loo mehlo?
Kazi akonakala bendiya kubuka yiphi indalo?

Kazi asibuhle bekhiwane na?

Ubuhle bekhiwane obufaniswa nobeempethu?

Ndinomunyu bokunga awungelandeli amanyange

Umunyu wobo bumpuluswa

Buya kuhlala phantsi komhlaba

Inga ndiyabubona sebuzele ziimbovane.

**IIMBASA ZAM**

Yawa eyokuqala
Itsalwa yinimba
Yokutyekeza kwesibeleko
Sikhamise ngokuzithemba
Yayimiyeye nemivuyo
Ngu-1993 uvuyo nolonwabo lwam.

Yee chapha eyesibini
Ndakuwongwa ngay' imbasa yam
Ndazivul' ezam izandla
Ndalifuman' elam ithemba
Ukuthweswa kwam isithsaba
Ngu-2001 owam umthuthuzeli

Iintlungu nokubulaleka kwam
Kubonise kwantlandlolo
Ukonyuka kwaw' umnqantsa
Kulo olo gqatso
Kwakungasekho kunikezela
Ndathozamela leyo ngqekembe
Ngu-2005 ibhongo nomomelezi wam.

Ndazibuka ngenkcwayito
Ndazikokosa ngezandla ezinothando
Ndazisondeza kufutshane neyam intliziyo
Kuba zona zilulo ulonwabo lwam
Zibubo ubomi bam
Zikuko ukunxakama kwesam isibeleko
Zililo igazi lamagazi am.

**NTSO YAMATHILE**

Sekukade ndiziqhekeza ubuchopho ngawe
Ndizibuza imibuzo engenampendulo
Maxa wambi ndizibone ndiyimbangi
Kodwa ngaphakathi ndiyazi andonanga
Siyaphila esam isazela asifanga.

Ndiyafunga yhini sithandwa
Amazulu angandingqinela
Esithi mna ndimsulwa
Kuba wena woyiswe kukuziphatha
Nguwe imbangi nguwe.

Sobabini thina siyazi
Ukuba intliziyo inde
Wena kaloku awoneli
Nob' ubani angathini
Kodwa kambe wena waba nesikrokro
Kuba wena awuzinzi.

Ungakhomba mna andikhathali
Emininzi ijolise kuwe awusaboni
Namatiletile ndiwenzile
Silungis' okungalunganga
Kodwa ezakho zibuthuntu.

Andizisoli nakanye sithandwa sam
Kuba mna nawe siyazi
Zimsulw' izandla zam
Ixolil' eyam intliziyo
Hamba sithandwa sam hamba.

**LINGAZONGOMA AKUNANI**

Nazo zincumile zisibuka
Iintaka zezulu
Nazo ziyangqina
Zithi thina sobabini
Sofa silahlana.

Yagqum' imilambo ingqina
Isenz' uqulukubhode
Ithi thina sobabini
Kade siyintlaka nexolo
Thina sofelana.

Kant' amawa kade nawo esitsho
Elinganisa loo ngonyana yethu
Ethi thina sobabini
Kazi sakohlulwa yini?
Ndofa aph' ufa khona
Yakugqekreza imibane
Siyazi nayo ayinakusohlula
Wena uyandifihla
Kwezo ngalo zakho andinadyudyu.

Inga andingewavali awam' amehlo
Sendisoyik' ukwelama
Ndiwavul' ungasekho nam
Kuba ndamfamekiswa lolo thando
Losimanya nakwelizayo.

Sondela sthandwa sondela
Ndikuv' ukubetha kwaloo mithambo
Yona itsho lungongoze uvalo
Lokuba kunye nawe
Wena wedwa sithandwa sam
Thina sofa silahlane.

**ENGAPHELIYO IYAHLOLA**

Ndizinikele kuwe ngomzimba wam wonke
Ndizinikezele ngawo wonke umphefumlo wam
Ingqondo yam ibikuwe iyonke
Bekungekho nanye endiyenzayo ingengawe
Konke okweengcinga kum bekubhekisele kuwe
Uyintso yam endingenabomi ngaphandle kwayo
Inguwe wedwa sihlobo sam.

Bekuthi kwakuhlwa ndibone wena wedwa
Kuba wena ubukukukhanya ebomini bam
Kuba wena ubulithemba ebomini bam
Ubulilitha amaxa onke sithandwa sam.

Kwakusa amehlo am ebephandlwa nguwe
Kuba wena ubuyinto yonke ebomini bam
Bendisabelana nawe ngobumnandi endikubo
Bendisabelana nawe ngeentlungu ezindingqongileyo
Ubukho ngawo onke amaxesha sthandwa sam
Sendikhala esimantshiyane kukonakaliswa nguwe.

Kazi konakele phi kusini na?
Kazi kutshintshe ntoni na?
Ndandingazi ukuthi kungaze kungene moya
Yandinqabela eyokuba singaziintsalu sobabini
Ndonakele kumnyama tsi emehlweni am
Andisaboni nendlela avalekile amehlo am
Sendisoyika nokuhlekwa ziintaka
Sendisoyika nabagqitha ngendlela
Ndlela ntle, mpilo nde sithandwa sam

**INTYATYAMBO**

Lindikhwebil' ivumba elimnandi
Layidid' eyam ingqondo
Ndayibon' imibala ndasangana
Ndayibon' emthub' igolide
Ndabuy' umva kukuxakwa
Bubutyebi bentliziyo ivaliwe.

Indincumel' ebomvu indilinga
Ndabubon' ubungozi bolo ncumo
Iqhwanyazil' eluhlaza ndema
Ndayibon' inyongo enobungozi.

Ndithubelezile ndikhangela
Zaqaqamba ngumtsalane
Ndazibuka ndinemibono
Wandiphandla ndaw' enqweleni.

Ndiyibungezelele ndayisondeza
Kufutshane neyam intliziyo
Ndaphatha ngobona bunono
Ukuze ingeva buhlungu.

Bavel' uburowuzi ngelingeni
Batyhoboza ndingalindele
Agqama ameva ngephanyazo.

Ndilingil' uncothul' ameva
Ubumeva bona buzinzile
Sekutsaz' igazi zizivubeko
Zokonganyelwa bubuhlungu balo.
Iziva zisisifundo kwabaninzi
Libhaliwe lona ibali
Lothando lwenkohliso
Oludal' isilonda sanaphakade.

**INGELOSI YEZULU**

Ndikuvile ukusebeza kwakho
Ngelo zwi lizolileyo
Undimbambazele
Wazosul' ezo nyembezi.

Uziphakamisil' ezam iingalo
Wayizalis' eyam intliziyo
Ngolo thando lwakho

Wen' undithembisile konke
Ukuzalisekiswa kwamaphupho am
Ukoyiswa kwezam iimbandezelo
Ukutywinwa kwamanxeba am.

Uziphakamisile ezakho iimpiko
Wazithwal' iintsizi zam
Wakutyath' ukubulaleka kwam
Walizis' ithemba kum
Lokubuya ube nam.

Ububuyis' ubomi kum
Kuba uyintuthuzelo kum.

**ISIPHO SOTHANDO**

Elele ethe cwaka
Zangcweng' emehlweni
Kub' eyam imibuzo
Ibibhaliwe kobam ubuchopho

Yintsikelelo yengqibelelo yam
Uxanduva lwam lwabumini
Lokububeka kweyam intende
Obo bomi bungenakujikwa

Esam isithembiso
Luthando olungenantandabuzo
Ubumsulwa bubhaliwe
Bezo ntsizana zabumini
Ziding' eyam inkokhelo

Hamba dad' ethu akunani
La mantshontsh' ehobe
Akasayi kuswela
Ezam iimpiko zibanzi
Zokuzis' ukukhanya kubo
Baya kwakheka kum
Londele lon' olwam uthando.

**INTLIZIYO EYOPHUKILEYO**

Kuxab’ inzondo, kwand’ intiyo
Yakunyathelwa kuvuka nezivubeko
Kwand’ inqala kuthi finye
Sekusele isingqala sodwa.

Yakukruneka akulula ukungcibeka
Yakonakala akulula ukuyichola
Iphazanyiswa nangunobenani
Icunyuzwa nalilize
Noxa yonakele ifun’ ukukokoswa
Nox’ ikrunekile ifun’ ukununuswa
Yakucunyuzwa koqhawuk’ unobathana.

Sisilonda esingafuni kuphola
Sisilonda esithunakala lula
Soph’ intsasa nezolo
Soph’ imini nobusuku
Yivul’ ubon’ umonakalo ngaphakathi
Yiqangqulul’ ubon’ ukopha kwayo ngaphakathi
Ziziva nemitshito enzulu
Zizivubeko nezilonda ezinobuzaza.

**UBUZE**

Undihlube ndasala ndize
Ndanga ndingazifihla
Bungabonwa lilizwe obo buze
Uboneke ubuntombi babhenceka
Ndazibona ndibhentsiswe ubunjani bam
Ndazibona ndigogekile ndiwe amadolo
Sekungcweng’ ezo zikrakra
Okunga lidyojiwe elo khala kum.

Uzihlubile iingubo zam zangaphandle
Ubaneke ubungaphakathi bam kuzwelonke
Undibhence ndazibona ndiligogogo
Ilizwe lindibon’ ubuze lindisola
Bengazi benjalo bayasola
Ngokuvuza kweyakh’ imilebe
Wandityakaza undityabeka
Undinyhukuza ndabhonte.

Noxa ndinyhukunyhuku
Kodw’ intliziyo yam imsulwa
Noxa ndidlakazekile
Kodwa ndiseyiy’ inyibiba kamama
Ubuntyatyambo kum busahleli
Ngaphakathi kum abubhangi.

Ungaze umzimba wam
Kodw’ umphefumlo uliqhwa
Ungandihluba andibhangi.

**ELENYAMA**

Buzel' ubofu
Obugubungel' inwebu
Buqob' ingqiqo.

Zaqukuqel' iinyembezi
Zanga ngumthombo
Weentlungu ziqengqeleka
Kuwo loo mlambo.

Amachaphaz' egazi
Agubungel' ejiya
Yangamahlwil' indlolothi.

Zamnyam' iindonga kwaligogogo
Kwamxinw' iindlela zazala zizabatha
Ankung' amehlo agutyungelwa ziinzingo
Yathwabaz' intliziyo kwihlathi likaHoho.

Abukhubaz' ubunzulu bezilonda
Kungangcungcuthekisi nokuncuntswa ziinaliti
Kubulawa ulwamvila
Olutyhaphazayo
Oludal' uxolelo
Kodwa kungekho kulibala.
Kulimal' ingqondo,
Elimaz' umphefumlo.
Kwand' inxeba,
Elikrun' intliziyo.

Kwand' inzondo
Kuxab' ikratshi.
Konakal' umphefumlo,
Buphel'ubomi.

Nank' ukhamis' umgodi,

**NDIYIYO IMBOKODO**

Eyakh' ingqond' izel' ubofu
Awakh' amehlo agutyungelwe bubulembu.
Ezakh' izandla yingwatsu
Kodwa andililo ibhetyebhetye

Lingabetha iqhwa
Liyivingce intliziyo
Kodwa ewe andijiki.

Ingabhudla imimoya
Iyithwax' eyam ingqondo
Kodwa andigobi.

Yabagubungel' inkanyamba
Yabashiya belibhodlo
Ndasala ndimi
Ewe ndiyiyo imbokodo.

**AKUSENANI**

Undilahle ndawela kumaxhalanga
Wazidel’ uma wandihlangula
Wazijul’ uma wandonyula
Wandityhalela eliweni.

Esakhe isandla yimvuzemvuze
Salisus’ elakhw’ ihlazo
Ezo ngalo zakhe zinothando
Zalivingc’ elakhw’ ithanda

Izolo alitshabhi

Amehlo akho anorhatyazo
Sesingumsimelelo esam isandla
Amanqangisa seletshele
Eyam iminwe ngumomelezi,

Ingomso luloyiso.

**IINGQONDO ZOBUGQWANGU**

Ubhentsiswa ngekhubalo yhini na?
bambiz’ ulew’ ubawo, yen’ uma ihule
bamkhahlel’ udlalan’ ubawo
bemtyabeka ngezithuk’ uma
bambi bembiz’ injakazi
kazi kusolwa ni kusini na?

lidlolokazi kub’ uma eyinkwamba
bebhibhidl’ amazinyo kungenasihlahla
yonk’ ilatha kuye
yimpazam’ inye selekhonjisw’ umgubasi
siyini esakh’ isono?

ubhonte yimivambo
baxway’ izirhintyeli
bafun’ unyamezelo
boyiswa luxolelo
kuba boyik’ impindezelo.

ngolwakh’ uncumo bamdyobh’ amabala
ngolwakh’ uthando sebemnyelisa
selebiz’ ukhuko lwabahambi
kazi yen’ ubawo yini?

**IZOLO BUBUMNYAMA, NAMHLA LUKHANYO**

Ndiyivile ingqelana
Ebikhatshwa yiqabaka
Yabebezel’ eyam imilebe
Kub’ itshabhile
Kwayinkwankca imini nobusuku
Yafefeza izis’ iinkumbulo
Waw’ owokuqala umthi wothando
Wabonakala owentandabuzo usineka
Yadlabhuk’ inyongo yokuwa kwethemba
Lwadl’ uKwindla ngephanyazo.

Ndidlulile kwiingqele zobusika
Babude ubusuku, yancipha imini
Latyatyekwa emehlweni am ikhephu
Elandityhaphaza okomzuzwana
Saxhwitheka esam isihlwithi
Sanga kukuvuthuluka kwemithi
Ayabinasizinzo leyo ngqele
Kub’ eyam intliziyo ibivutha.
Abukho ubusika obungenasiphelo.

Buvele uhlaza bumfiliba
Lwasondez’ ithemba
Esele lindlandlathekile
Yantshul’ imbewu yoxolo
Yaqaqamb’ eyothando kwakho intyatyambo
Evele ngokobay’ ubuqaqawuli
Yaphel’ inkwankca, kwaqaqamb’ ukukhanya kwelanga
Kwaphel’ ukusineka
Kwasaba ukunyevula
Ewe, ayikho intwasahlobo egqith’ ingenzanga misebenzi.

Kowu! Lavel’ ilanga elinovuselelo
Kwakhanya kwatsho kwaqaqamba
Iimini ezinothando novuyo

Iimini ezinde nezinolangazelelo
Zabonakala iziqhamo zomonde
Zantshula kwintliziyo ebudandatheka
Zancuma iintaka zezulu zikhalisa imilozi
Yavakal’ impepho yolwandle iqhayisa
Lwaphel’ uxinzelelo yayimincili
Yahlob’ eyam intliziyo.

Namhl’ inyongo ndiyoyisile
Ndikungcamle konke akho sikrokro
Namhl’amathumbu akasaxuxuzeli
Kub’ awam amandla oyisile
Abukho ubusuku obungenanyanga
Kungekho kukhanya bungekho ubumnyama.

**UKUFA**

kufandini andinadyudyu nguwe
ugxuphuleka sewungamenywanga
awoneli sewuxhaph’ igazi
kuba wena ungumalambedlile
awoneli selugqebh’ uduma.

ulizothe sikhohlakalindini
njandini engenaluxolo
sibhongobhiyane esingenalusini
wena uyinjubaqa engalawulekiyo
ntswelandini ejijithekayo
kub’ uyinkamela etyhobekayo
ulihlungulu elimaphikwana.

andisenavalo kuba sewuqhelile
andisenawo namendu kuba unemitsi
akusekho kubaleka kuba uyalatyuza
gongqongqo elihlaba lihlasele
eligush’ umkhonto maxesha onke
elingxangileyo ndawo zonke
ndinxaphile kukuphephana nawe.

kufandini wena awoneli
kufandini wena awuphezi.

**INTSENGW' IBHEKA**

Lankenteza izwi ndasabela
Zabuthuntu ezam zavaleka
Lazinga lisiya kusithela.

Uyolul' eyakh' ingalo ndakhamnqeka
Wandibek' esifubeni ndalusana
Wandiqinisa lwangongoz' uvalo

Siphakamile isandla sekunzima
Yangutsitsitsi ukuzama ukubulisa
Sakekela sawa ngecala.

Lwagqama uncumo yehl' inyembezi
Lanikin' intloko aw' awam amadolo
Lafulathela linikezela
Zacim' izibane yemk' eyenqoma
Kakade ibiyintseng' ibheka.

**LELETH' ITHEMBA**

Phantsi kweenzingo ezilengalenga
Phezu kwamagade ahlabayo eli lizwe
Phezu kweziphithiphithi ezidubayo
Eziphantsi kwelanga neentlungu zalo mhlaba.
Kumaqhwa avunduzayo ngokomshologu,
Kwiintshutshiso ezidub' imiphefumlo edangeleyo,
Kwimivandedwa ekrun' iintliziyo ezincindi krakra
Iinyembezi zeentlungu, iinyembezi zeentsizi
Zidakumbele wena sana lwam.

Yhini zinkedama zezwe lakowethu!
Yhini bangcikivi bakuloNtsundu!
Anivakalelwa kusini na ziimveku zakowethu?
Senzeni emehlweni enu singazi?
Anifuni boni nifuna amalungisa.
Nifun' iihasi ezingenabani.
Lolal' itshoba ndikufumbathile
Kobandayo ndolala nawe sana lwam.

Buya ndod' encane awunatyala
Buya sihlobo sam kweleQoqodala.
Bakuphuthaphutha ungekalibon' ilanga.
Bakuzamazama wakucakath' umcondo kwelimiyo.
Iimpiko zikanyoko zibanzi Bambela nkosi
Wokufihl'ungaveli nangonwele Sorhasi,
Uxel' ufudo kwelo qokobhe Thangane.
Ulwamvila lokufa luwele nganeno komlambo
Ubhungcile ngesikasibi masind' ezama.
Ndinaw' ungabinadyudyu sana lwam.

Ukusangana kuwe' eQholorha leCentane
Ubunkenenkene budliwe ngookrebe beMzamba
Amangabangaba aziginyil' izingqukru zeentsizi,
Abalel' ukuthula balubuyisil' ulonwabo

Bath' uzingisile ngoko malingakombath' ishwa
AbakuloXhosa bath' umzingisi akanashwa.
Amev'emgaqweni masicothoze sicondobe kuwo,
Kub' isilivere negolide asindlel' enqwelo,
Indlel' ey' empumelelweni ngumsina-ndozele.
Iinyembezi zovuyo, iinyembezi zoxolo
Zinquml' umqondo zishob' intlakanipho
Bathi Leleth' ithemba sana lwam
Kri---kri---kri--- ngxatsho ke Krila.

**ISANGO LIKAMA ALIMXINWA**

Kulaph’ imiphefumlo inoxolo
Kulaph’ iingqondo zifuman’ uphumlo
Ngeendlebe zakhe ezinabileyo
Izingqukru zinikw’ igxalaba elibanzi
Kuba zona zikhongoza konke
Ewe akunani.

Isifuba sakhe sibanzi
Iphalazelwa khona imithwalo
Azigange zibe yimfihlo
Kuba yen’ unengcina-sifuba.

Ewe kulungile
Kulunge sekonakele
Kulunge kungumpha
Ikhamekile loo milomo
Lizole elo zwi
Lithi akunani.

Akakhamis’ atyhale
Kub’ uyawaz’ ukuthunuka kwawo
Lawo mazw’ akrakra
Ehlaba ehlungisa
Kuphele ukuzithemba
Uzele yintuthuzelo
Ethi akusenani.

Zibanz’ ezakhw’ iingalo
Zikhongoz’ ezo ntsizi
Zithwale ezo hasi
Kweso simbaxa isifuba.

Ulibala nesakhw’ isibeleko
Kub’ inde eyakhw’ inimba

Uzosul’ ezo nyembezi
Zabo bazingceba.
Liyanwen’ elakh’ isango
Ukuthwal’ ezo zidwangube
Usibambe isizukulwana
Kumke ukudwanguza.

Uyintambanane etshila emafini
Awukhalazi sewubulaleka
Awumbombozeli uxakanisekile
Alupheli olo ncumo
Awapheli lawo mandla
Litsho lizolile
Akunani
Kodwa akusenani.

**INTSWELA BULUNGISA**

Sisilwanyana esikhamisa sityhale
Asikokosi ntliziyo yamntu
Sigibisela amazwi akrakra singaqiqanga
Asikhathalele mvakalelo yamntu

Sihlaba ngekrele lomlomo kwande inxeba
Sithunuka ngawona maxesha anzima
Siyonakalisa sakukhupha oko kuhlungisayo
Ewe nguy' uzungul' ichele

Uthi konwatyiwe agalele amanzi
Uthi kumnandi aze nencindi yekhala
Uthi kuluvuyo asadulise konke.

Akamelani noxolo,
Akadibani nothando,
Akahambisani noyolo.

Uzele likratshi maxa onke,
Wombethwe yingubo yenzondo,
Uzibhijabhija ngeenkcuku,
Uvuth' umsindo ongenantsusa lonk' ixesha
Umbolamboleka kokutshabalalisayo.

Ubuso buzele yintiyo
Buntshingintshingi yingqumbo
Okuphethwe zezakhe izandla kuyonakala
Ezakhe iihambo ziya kwantshabalala
Umzimba ubhonte lirhashalala.

**USIBA**

Ukucakatha kweenyawo
Kwiintliziyo ezikhamekileyo
Zixikixwa zixovulwa
Okwemibhako yomdongwe.

Ukuqukana kwemibungu
Exin’ ingqondo
Zizicuku zezolo
Yimbi yophis’ iinduma
Yimbi izis’ imincili.

Luphokoza ingqumbo
Ludlabhuza inyongo
Luqhaqh’ amabholo
Ewe luyiyo imilebe yam.

Umbhalo eludongweni
Unguwo umfanekiso
Ongasayi kucinywa
Kwiintliziyo zeminxeba
Ngezililo nemivuyo
Yemizila yeehambo zam.

**NDIYATHOKOMBISA**

Tarhwini bantu bomgquba!

Tarhwini zinto zooMbombo, ooKrila,

Ndisithele ngani Thangane, Rhaso

Vulani MaBambela Nkosi

Makudede ubumnyama kuvele ukukhanya

Nina nohlula isiphothophinyane sentumantsumane yabathwa

Nabunikwa nina ubukhosi sisizukulwana sikaSandile ngobukrelekrele

Blodl' inja bengayityanga kunuke yonke indawo

Ndinqula kuni Gobingca ooMtengwana

Nkomo zibomvu namathol' azo

Ndiyamemeza zinto zooNqele, ooBhurhu,

Bhukuxa umthondo uwujongise emntwini

Iinto zooBholose zikaMpitsho

Wena sizukulwana sikaRharhabe

Ndizandlala ndizaneka kuni

Zithi zakungabimntakaNgqika

Ndingqiyaze ndidude ndidididimashe

Kodwa ndiyazi nakuhlanganisa nina nilele ukuthula

Xhathisani ningavumi sizwe sakuthi

Phosani ngasemva zidwesha zakuthi

Ndiyathokombisa zicaka zegazi

Makusuke okuxabileyo ibentl' indlela

Tsiii bhorho mnxm ndiyekeni nditshaye.

**INKOSIKAZI ENEEMBONO**

Ayakhi ndlu, yakha ikhaya
Ayikakazi sizwe, ityala imbewu
Ayithunuki zilonda, ikhula ngamava.

Ibulaleka ukuze londleke usapho
Idimbaza ukuze singakhongozi isizwe
Izijul' ijacu sisinde isizwe

Ijong' imvelaphi ivuthulule
Iphandlwa kanye ibone
Akulula kuyo ukulibala

Isizwe esingenazolo, sisizwe esifileyo
Isizwe esitshabalalisa imbewu, asivuni ngomso.

**IZIMBO ZENDLALA**

Zilamb' iingqondo zethu zakhinkxeka
Zasilel' ukucinga kuba zikhonkxiwe
Kwand' indlala yasonakalisa
Sazithwal' ezethw' izisu zasemqolo
Zavaleka mba zaqobeka
Yaziqob' indlala kwavingcek' iindlebe.

Satsh' isikhalo asamameleka
Zajub' iintsana azanakekelwa
Kub' izithembiso zijiyile
Sebedad' emhluzini
Baxhafuza bodwa abanaki
Yimivungulo zibomv' izisu zithe mpu.

Baxhakaxhak' izandla kukuxhafula
Bayaxhakazela bafohlok' amacala
Bayahlohla ziyaphokoka iipokotho.
Leyo ndlala seyilibele
Kuba yon' izele zizimanga.
Yonk' idid' ingqondo.

**IZIGILA-MKHUBA**

Zizenz’ amakrexe kukukrexeza
Zizel’ izandla ngamakrele
Zibhontebhonte kukuxhaph’ igazi
Kukrunw’ imiphefumlo ikrikritheke
Zizigila-mkhuba ezikrazukileyo

Asivanga ngoonokrawuzana sizibonele
Zishiy’ ubukrakra bentliziyo
Kuba ziyakreq’ endleleni
Ziyatshitshiliz’ ukutshintsha zitshele
Zitsho kwarhiphuk’ owam umbilini
Zikrozile zizinxadanxada zikrob’ ixhoba
Ziyakrwekrweda kukunyoluka
Zikrwekrwede zihal’ ukhwekhwe lukagawulayo
Zishiy’ imiphanga yeempangampanga

Zinezidumbu ezihambayo luxinzelelo lwengqondo
Kuzel’ amagobhogobho akhonkxekileyo
Liyez’ elenu ilixa kohlanganwa.

**UBUGWALA**

Wen’ uyintanga kadilika-jele
Zijulwe kud’ ezentolongo uthothoza
Ube kwesimnyama isithokothoko
Kuba wen’ uzingenele ungamenywanga
Wabhuqa, wabhuqa nox’ usiva isikhalo
Wadl’ entsimini ungalimanga.

Waxhwitha, uhlasela ngokunga lirhamncwa
Ekukade lizingel’ inyamakazi
Esekuntsuku linqatyelwe lixhoba.
Wayidlavaza neyangaphants’ impahla
Undingqengqise okunga uza kundixhela
Wahlafuna, wahlafuna wade waxhapha
Evuz’ amasi kukutyekeza.

Ngobutyhakala bakho
Ushiy’ uninzi luzithwele
Lunkony’ iintsana ezibakhumbuza
Ngeso siganeko senkohlakalo.
Ngobutyhakala bokungaqiqi kwakho
Ushiy’ amakhaya aneenkedama
Kuba wena watyal’ imbewu kagawulayo
Yatyhutyha yasub’ imiphefumlo.

Ngobakh’ ubuqhitala bengqondo
Ushiy’ iingxwelerha ezixhelekileyo
Ezithi zakuzibhenc’ esipilini
Zizizonde, zizikhuhle zisus’ umzondo
Ziqalekise ubomi
Kunge zingawucima lowo mhla
Zagilana nomthakathi.

Ubugwala bakho bushiy’ ukudideka
Bambi bazisola ngezinxibo zabo.
Ukumfameka kwakho kushiy’ ukuzidela

Bambi baphelelwe lithemba.

Uyezowakh’ umhla wesijwili

Ndixolele kodwa andilibali

Le nyembezi ihl’ icala

Useza kuphendula ngayo.

Lo mzimba wawuqhaqhayo

Useza kusabela kuwe.

**NDINGUM-AFRIKA**

Usingelwa phantsi ngamavezandlebe,
Usingelwa phantsi ngabegazi,
Awuthathelwa ngqalelo ngabomgquba
Sothin' ukukuthathel' ingqalelo isizukulwana?
Wokhathalelwa njani ngabakhulayo?
Kub' iinkonde zinegxeke ngawe.

Yimpucuko kusini na?
Lusiba lukuqhelile Ntsundu kusini na?
Asimfundo unozala wale ntsinda,
Kub' izithwalandwe zisakukhonza.
Amaqeb' ooMqhayi ajonga phezulu ekukhonza,
NezooSaule zisanxakama zibhonga ngawe.

Umlahlil' uGxuluwe ngephanyazo
Wajij' ulwimi wade waziluma yimpucuko
Waqamb' ooGluwe ngelingeni
Qiqa mz' oNtsundu awunaqhayiya ngobunguwe
Phaphama ube nebhongo ngobuntu bakho
Hlakanipha ube nelunda ngenkcubeko yakho,
Mayingatshabalali ukho wakh' umkhanyo.
Sodimbaza phi isizukulwana ungekh' uvimba?
Sodimbaza phi kumnyama nakuwe?

Rhoxani ngokuzimfamekisa ngemfe
Rhoxani ngokumfamekisa uluntu jikelele
Intshongw' emehlweni enatyatyekwa ngayo,
Sisizwe esinwel' iyephuyephu,
Yisuleni kuba yoniphanyaza.

Ukwakha isizwe esiNtsundu kwezi mini,
Ukubuyela ezingcanjini kule mihla,
Asikwambatha zimfele nankciyo,
Ayikulahla mfundo nankolo,
Kukukhuthaza abakhulayo, abalahlekayo nabangaziyo

Ngokubaluleka kwenkcubeko ehamba nolwimi
Ezithi zinyuse umgangatho wabaNtsundu.

Ndithetha ngoNtu waseAfrika
UXhosa ngakuloZulu kuloNguni
Nganeno kuloNdebele nakuloSwati
Ewe wena Suthu ecaleni koTswana noPedi
Nditsh' uVenda kude kufuphi noShangane
Ndibandakanye konk' okuNtsundu
Ndingakutyeshelanga Ngesi noBhulu
Phambili ma-Afrika.

**IINGQOKONGQOKO ZAKUTHI**

Nina niziimbokodo eziqine neziqulube
Niziingodo ezintliziyo zithambileyo
Okuphathwa zezenu izandla kuyingqaka
Izintw’ eziphatha kubonakale
Apho ninyathela khona kokwesisele senyathi
Ewe nina niziinkwenkwezi

Khawubuk’ iintyatyambo ezimabala
Kuba nixhakaxhaka zizipho ezilutho
Amajon’ omnqamlezo ejonge phambili
Kub’ eyab’ injongo kukungaw’ endleleni
Asindeka yimithwalo macala onke
Kodwa aninikezeli nijonge kumgqibelelisi

Ngqond’ iphalele wakuyiqwabulula
Sidimbaza khon’ isizwe sihluthe mpu
Amabel’ ayantlontla ezele yingqaka
Banixangxatha benixhimfa bebulala intliziyo
Aninikezeli nina sekumfiliba

Nimanxebanxeba zizivubeko
Kodwa anisoli nizikhoth’ amanxeba
Nibhonte zizivubeko zeli lizwe
Kuba kudala benidyobha benibek’ amabala
Ningoomaw’ evuka ababotyobotyo
Kuba linilimazil’ izwe navuthulula

Buka ezo guzi ezimfamfatha kumfamfatheke
Ziwababambe ngamazinyo awaz’ amantshontsho
Zifukuza oku kombungu utabalaza
Kub’ ookhetshe bangxangile
Qinan’ umqolo booDeborah bezwe lethu
Sulan’ ezo nyembezi nigeleshe
Zivingceke ezo ziva libuy’ ithemba
Phambili zimbokodo ze-Afrika

**AMAGORHAKAZI ESIZWE**

Satyal' isibeleko seNdlovukazi kaBhebe,
IKumkanikazi yakwaZulu yaseLangeni,
Kwaqham' emahlahlen' ihlumelo,
Wakhanyel' uSenzangakhona ngaw' omane,
Yajik' inzala yatshicel' esifubeni kunina.
Zabhidl' izivubeko zomphefumlo
Yindaba yakwamkhozi
Isizekabani sokuwa kweNdlovukazi.

Nants' intokazi yakwaGandhi,
Ingen' endimeni akuw' uyise
Iphathelel' ukulw' ucalulo
Nemithetho yokudlola
Bavel' ooJudas beli lizwe
Amngcatsh' amafanankosi
Ayikhulul' imbumbulu lahlanz' iselwa.

KwiMpuma yeKapa, phonoshono kweNciba
Elokuqal' inenekazi kwezobongikazi
Lilwel' ukuphathwa kwepasi
Laxikixwa yingulo lingekahlafuni
Alazingcaml' iziqhamo zomzabalazo
Wokulwel' inkululeko yamanina
Yaqungquluz' imazi kaMakiwane.
Bawuqingq' umfanekiso wesikhumbuzo.

Ndakhumbul' iintokazi ooLillian Ngoyi,
Umhlolokazi ongazang' avune
Ngokuzabalazela ilizwe lakubo.
Nab' ooHelen Suzman bemweka
Bethe chu kweloMdibaniso
Babetha ngenqindi phantsi
Yagqabhuk' inyongo besaphila
Zanzul' iziva oku kolwandle
Olwaphanyaz' intombi kaNtinxa

Idelakufa lakwaTamana
Yakhutyazw' indoda kwinyhikitya yaseBullhoek
Walal' iliso linyembezana.

Ndikhumbula……! Kanti andilibelanga ndisakhumbula.

Kazi kode kube nini?
Kophela sekungekho nemfe le?
Kazi ndingawenzelani amaqhawekazi,
Awabinga ngobomi kweli!

**IZITHEMBISO**

Zakophuk’ izithembiso
Kophuk’ iintliziyo
Zakuphel’ izithembiso
Kuphel’ ithemba
Kwand’ uchuku
Kuxab’ inkohlakalo.

Zamemez’ iinkokheli
Zigxelesh’ iivoti
Zazal’ uthando
Kanti zijong’ inzuzo
Zazimvuze-mvuze zizibele
Ezizel’ inkohliso.

Zatshabh’ izibhambathiso zemvano
Zanyevulelw’ izivumelwano zothando
Zasinekelw’ izithembiso zenkcwayitho
Kwajijiswana kungquzulwana
Kuba oko kwakusemilebeni
Kwakubhalw’ emehlweni
Oko kwakubengezela kutshabhile
Kuba liqhawuliw’ ityathanga.

Iinkokheli eziswel’ inyaniso
Iinkokheli ezingenaThixo
Iinkokheli eziswel’ ubulungisa
Zitheth’ utyhatyhiwe kuba kuphel’ ubuntu
Uninzi luthi lwalungayoleli
Bathi babengatyikityi fa
Kodwa senziwa sona isithembiso
Senziwa ngolangazelelo.

Latshabalal’ ithemba ngephanyazo
Ithemba lenguqu yedemokrasi
Lwaphel’ uthando ngesiquphe

Kakade beluhanahanisa
Yand’ inkohlakalo noburhalarhume
Kub’ uzele umzondo yingqumbo
Yanguqulukubhode yingcwangu
Kuba sophulwe sona isithembiso.

**YAPHUNCUK' INTLAKA**

Bandibiz' umgqakhwe, kodw' andidlanga lifa;
Bathi ndiyimbacu, kweloobaw' ilizwe,
Balityil' ifa, bosulel' entloko
Bumkil' ubutyebi bezwe, bagugusheke babelana ngabo;
Nabo begugutha nalo, bebuyela kwezakub' iinqanawa.

Bazisengile bemka nengqaka.
Bayibhukucil' imigodi basal' abombi beziinkwamba.
Nabo beyirhangq' imihlaba ngokunga bawetyatha mhla beza
Balityath' izwe berhumrheka yimikhuba
Bafumbatha konke
Sasala sibambelel' esineneni.

Yaqulunqw' imithetho, yasityekezela kude
Yacunyungw' imfund' isigqubutha,
Sazizimumu ezityisw' ikhala
Sisineka sibhukrulana sodwa
Kub' intshong' iqatyiwe kwizityhakala aziboni
Yangubhubhane ngephanyazo.

Yatyholw' ekaMhlakaza
Beyisulela ngobubend' ingatyanga nyama
Bemk' ooMaqoma santywizisa singabonwa
Bagcagc' ooPoqo nemiKhonto yeSizwe
Bakhokel' ooTambo nooSobukhwe bootshona
Yancedis' iLusaka neeHarare kungalalwa
Zemk' ezoBiko nezooHani zingekangcamli
Yemk' iAfrika sibukele.

**SATSHO ISIKHALO**

Yingxwabangxwaba yentsumantsumane,
Sisintsompothi somsinandozele,
Ingxushungxushu yengxubakaxaka.

Saphela ngephanyazo esakhw’ isidima,
Kwaqhum’ uthuli kwaziintsalu,
Yanguqulukubhode ngephanyazo,
Sewunyevulelwa naziintsana.
Yhini Palamente! Yhini.

Zimfamekil’ iingqondo
Sele kugqub’ inzondo nentiyo,
Amfamekil’ amehlo
Ingqond’ izele bubugqwangu.

Yaphel’ intando yesininzi
Kwalawul’ igqudu,
Yasinikel’ umv’ imithetho
Kwazal’ izithuko.

Zalility’ iintliziyo zabajong’ ubutyebi,
Zangcibek’ iindlebe zabangqondogqwirha,
Izibhoxi nezithwangube zidlala ngawe,
Amalokonya noombolombini baxabile,
Yimbudane kaqhayiqhayi ngemibala,
Nguntyilontyilo kuluthuli.

Ziyanxakam’ ezooJinwala zakhumkhanyo,
Bafulathela ooSisuli babona kwantlandlolo,
EzooMbethe ziyiphuncule.
Alala amaqeb’ ooMadiba benesingqala,
Zakrunek’ezooMbeki zingasiwa so,
Bagigithek’ ooNxamalala kusonakala.
Zakhonyuluk’ ezooButhelezi nooNjengele
Zabethwa yivoti.

Wabuna ntyatyamb’ enguqu

Walilif’ eligqub’ iinkabi.

Satsh’ isingqala seAfrika satsho.

**ISINGQALA NGEZWELETHU**

Zawa ngecala izinqe zemilambo
Zakhalaza zanikezela
Bayidlakaza indalo sijalile
Yatsh' imilambo yom' imiqala
Latsh 'ikhwelo ibikukoma kwezwe
Samemeza afulathela amanyange

Nants' igqub' imbalela
Alambatha amafama ekhwina
Abangadimbaza abuya nelize
Latshabh' izwelethu yimibungu
Sagxwal' emswaneni isizwe

Lehl' izinga legolide ngephanyazo
Yajal' imithombo yamalahle
Atsh' amadama ankinkishw' amanzi
Watshabh' umhlaba kungasekho nemihlisela
Lwadodobal' uqoqosho luzele yirhwayirhwayi.

Awam akanakubukel' amanyal' enyoka
Ezam iindlebe azinakugutyungelwa sisijwili
Olwam ulwimi lukhutshw' ingqambu
Kowu izwe lakowethu
Izwe iAfrika

**UBUHLE BE-AFRIKA**

Buka ukubuna kobuhle beAfrika
buk’ umdintsi kwizwe lethu
iziva zancuntswa kwizidlele zeGqili
imibungu yagugutha kumlambo weNciba
naz’ iimpethu zidlakaz’ izimbiwa
zabun’ iintyatyambo zakowethu
yand’ ityhefu ngephanyazo.

Naz’ iingxangxasi zeTukela zilila esimantshiyane
zikhumbul’ iinto zooDingane nomkhosi wakhe
amathambo akwiiNtaba zoKhahlamba
angcwengil’ amehlo kusisikhalo kumlambo weNxarhuni
esivakala nakwiNtaba yeTafile
bugubungele ubumnyama akuzik’ uMaqoma
walala kuleyo ntaba kaNdoda
yajala labhonte izwelethu
yagquth’ imimoya igugutha.

Wagalelek’ unogumbe wemka nemiphefumlo
Sazik’ esikaZwelithini sabambelel’ esidleleni
Baqubh’ edakeni zizantyalantyala
Sakhwin’ isizwe ngumothuko.

Nants’ igqugqis’ imililo yonakal’ indalo
Samnyam’ isibhakabhaka akhwin’ amafama omyezo weEden
Yawa ngecal’ iNtshona Koloni zabhidlik’ izidlebe
Kwanqab’ izihombisi negolide seyilele ngecala.
Wambatsh’ uMzantsi sasala sinyembezana.

**UNOMZAMO MADIKIZELA-MANDELA**

KuMaMpond' aseMbizana yaphum' inkwenkwez' ikhazimla kunezinye ngobuqaqawuli.
Basadul' ooNgutyana, ooMsuthu, ooMsengeshe, ooNqwanda,
Intomb' ethi ndizeke noba awunankomo.
Kwangqungqwa, kwadudwa kugidwa kumhlab' ogquthayo waseMbhongweni.
Sisazi singazi ngamaxethuka nemixawuka eza kugqitha kuwo.

Yambombozela ibusinek' ingwevu lixhegw' elixhiwul' umxhelo waloo nzwakazi,
Yancum' isaz' intombi ibethw' ephondweni yanqwala kwaphela.
Yangenis' ekhaya inzwana kub' urhem' ulimele luthando.

Nankw' egugutha ukuwel' imilamb' esing' eGoli.
Esaz' engaz' uzidibanisa nobulolo bokunqatyelwa ngumlingane.
Lamtshonel' emin' ilanga edilikelwa yijel' umfana.
Wafung' akajika akaluqhomf' olwakh' usapho.
Wabajula kwesikaMswat' ebanik' ifa lemfundo.

Bamnik' uphumaphel' amadlagush' uncanyiwe
Akajika sekulapho ephum' engena kwizisele ngezisele.
Bamvimba nokusondela kweso siqithi sezothe
Wabetha phantsi ezingomb' isifuba.

Walizakuzel' izwe engesosimumu nje,
Wayikhomb' indlel' unontlalontle woluntu,
Kwaphel' ukudakumba kwabaphelelwe lithemba,
Kub' uZaziwe ukho nemizamo yakhe.

Izenyeliso zimacala onke kodwa yena akagobi.
Balath' ukukrexeza bezilibel' izitshixo zentolongo azikho,
Bathi lukhuko lwabazabalazi bengaz' umhlaz' utyhutyhil' endodeni
Bambhaxula bemolatha bambi bemthwax' ezizweni.
Uncumile akasoli kuba yen' unyamezele.

Yaqhawuk' imbeleko wakuphel' udilikajele
Sangenelel' isizwe singazise so ezakh' iinkanuko
Satsh' isijwili nakwisizukulwana

Kuba sisaz' umonde nemiqwebed' egileke kuy' inzwakazi.

Isamimitheka nanamhl' oku nox' ibethwe lihlabathi
Isengujong' ilanga nox' iinkqwithela zikhahlele phantsi
Isatsho kuzongome seyishokoxekil' impilo
Isembejembeje selinqanqaz' izwe alisebenzele nzima.
Phil' ukuthula Nomzamo wen' akukh' ongakwenzanga
Iya kuhlal' ikhonkoth' engenambulelo thula.
Ngenene kuchanyelw' ehambayo.